

Kwakukho ufudo olwaluhlala lodwa endle. Yonke imihla lwalubukela zonke ezinye izilwanyana zibaleka, laze lakhathazeka kuba lona lalicotha. UFudo wakhathazeka kuba yena wayengakwazi ukubaleka njengezinye izilwanyana. Wayehamba kancinane kakhulu.

UFudo wacinga ixeshana waze wathi, "Andikwazi ukubaleka ngamandla kuba iqokobhe lam liyasinda kakhulu. Ndinga ukuba ndiza kukhasa ndiphume eqokobheni, ndize ke ndibaleke ngamandla." Ngoko ke ufudo wakhasa waphuma eqokobheni. Wabaleka, ekhwaza esithi, "Ndijonge, ndijongwe, ngoku ndiyakwazi ukubaleka ngokukhawuleza!" Wayonwabile kakhulu.

Kodwa uyayazi ukuba kwenzeka ntoni? UFudo wayebaleka esihla ngendlela waze wangqubana nenja enkulu. UFudo woyika kakhulu! Wema, wajika waze wabaleka kakhulu kangangoko wayenokukwazi. Ucinga ukuba uFudo wayecinga ntoni? Ewe, wayecinga ukubainja iza kumleqa. Ngokweneneinja yamleqa, ihamba ikhonkotha ngolu hlobo: "Hawu-hawu-hawu!" UFudo wayesoyika kakhulu. Wabaleka wehla ngendlela wazimela emva kwelitye elikhulu. Inja ayizange imbene apho azimele khona uFudo, yaze yona yaqhubeka imleqa.

Yakuba imkileinja, uFudo waphuma emva kwelitye wabaleka kwakhona. Khange kubekudala phambi kokuba uFudo eve ingxolo. Wajonga phezulu, wabona intaka enkulu. Ucinga ukuba intaka enkulu yayicinga ntoni? Ewe, intaka enkulu yayifuna ukutya uFudo. Kwakhona, uFudo wabaleka

ngamandla kangangoko anako. Wabona umthi onomngxunyana, waze waya kungena kulo mngxuma. UFudo walinda intaka ukuba ibhabhe imke. Emva koko waphuma emngxunyeni.

Kodwa wayengonwabanga. Kutheni wayengonwabanga nje? Ewe, wayesoyika. Wayengenalo iqokobhe lokuzifihla. Kwangoko kunethe imvula ebandayo. Wabamanzi kakhulu uFudo wangcangcazela. Akazange ayithande loo meko. Ngoku wayengonwabanga konke konke. Ngoko ke nicinga ukuba uza kwenza ntoni?

Ewe, walifumana iqokobhe lakhe elomeleleyo kwakhona waze wakhasela kulo. Wathi, "Andikhathali nokuba andikwazi ukubaleka ngokukhawuleza. NdiluFudo. Ndiyazivuyela, ndiyazithanda!" Unanamhlanje, amafudo akawasusi amaqokobhe awo.

**Liphela njalo ke ibali lethu.**

